

Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION)

Authorised medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, JUNE 8, 1887.

[No. 135.

IXABISO 3d.]

Isitora sase
Komani

Kofuna izivato ne
NGUBO ZOKUNXIBA

Ezilungileyo zisi sulu,
Kwa

CHUDLEIGH,

Ukangelene ne Town Hall,

Uhlala aba nento eninzi etengwa ngama

XABISO APANTSI KANYE YE

Keleko, Iprinti, Ityali,

I lokwe esezi tungiwe
Iminqwazi ehonjisiweyo
Iqiya ezilushica
Imibhalo, njalo, njalo

KWEZA

Madoda ingubo
Zi suti Zamadoda
Ne Bhatyi ne Ndulubhatyi
Ne Bhulukwe
Ihempe
Ne Kilisbanti
Iminqwazi ye Tweed neyo Fele Ibhulukwe
zokukwela, Ileginisi njalo, njalo.

Isuti nengubo ezinganye ezi ncinane zama
kwenkwana nezolutsha.

Yeyona ndlu isisulu empa- hleni
yoku homba neyoku nxiba apa

E KOMANI.

ELIKA

ORSMOND
IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yeli-
lizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla
bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina
indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufe- leni,
Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise
Mbilini. Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka
be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi
yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendle- la
elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi,
Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele-
namava amaninzi umninilo, uliyaleza nge-
ngqiniseko eliyenza ukuba liyayi pilisa inko- liso
yezifo zabantsundu base Afrika, kwa- nale Fiva
(cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifa
sabantu abamnyama liyi ngobo. Kawulilinge
please. Litshipu, ibhotile zi. sheleli zontatu,
izele liyeza elinga tata intsu- ku ezilishumi.
Ibhotile nganye ihamba ne- ncwadi ene nteto
yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G. E COOK

KING WILLIAM'S TOWN,

Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza
kuyo yonke Ikoloni.

Nalipina Iyeza olifunayo unga-
lifumana kwa

E. W. WELLS,

Umpitikezi Wamayeza
ne Opteki,

Bathurst Street, E-Rini,

Ugcina amayeza amatsha nalu-
ngileyo.

ELOBUTATAKA

Nezifo ezingcungcutekisayo.

Eyona ide yancama ukulunga

yi

Wells' Quinine and Iron Tonic

Ixabiso 2/9 ugebotile.

IJUBHILI!

DYER AND DYER

Kulevenkile i Jubhili YOMNTAN' OMHLE INKOSAZANA

iyaku kunjulwa. Woti ngalenyanga ka JUNE otenge kwi-

venkile yetu ye Ngubo impahla exabiso liyiponti abuye

ayinikwe i 2s. 6d.

Into yonke eyimpahla

NENTSHA ATOYIWE AMANANI.

NKOSI SINDISA UKUMKANIKAZI!

JOHN J. IRVINE & CO.

ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele

beza Mankazana,

E - QONCE.

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6

Ibhulukwe ze Kodi, 5/- Eze Twidi

ibhulukwe, 4/-

Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6

Eze Twidi i Suti, 16/9

Ikeleko, 2/d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3 1/2d.

Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

KWIZI HLOBO ZAM EZINTSUNDU.

J. E. L. HULLING,

ONYANGA NGEMITI YASE KOLONI

NEW STREET, E-RINI.

UMISELWE ngoku kodwa uku Nyanga ngemifuno yeli lizwe zonke izifo ezi yelele kwi
Hashi Elingwevu kamadoda naku mankazana nokuba umntu usulelwe nokuba site
kanti sise gazine; nokuba umntu sele likakasholo uyapila. Ngokukodwa i Gazi nofele—
xa umntu ebheliwe lihashe elingwevu nokuba sesinye isifo.

Oka Kulling Umpilisi wenene wezifo zonke esiba se Lufeleni, ibotile elula 5/-, enkulu 10/ Oka
Kulling umncedi onyaniso wesisu se gazi, ibotile elula 3/-, enkulu 6/-

Oka Kulling umncedi onyaniso wezi fana zama nkazana, akuko yeza ligqita eli linge otile
ezihamba kwi 4/-, 7/6, 11/- ne 22/.

Aka Kulling Amafuta Omti, umncedi omkulu onokutenjwa kwi ntlobo zonke zezi londa nama
dyungundynngu—linge mbizana 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/ inye.

Aka Kulling amagaqana oku hlambulula igqazi, eku ngeko nto ingapezu kwawo, ange
bokisana, 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/.

La Mayeza emifuno ezifo zonke enziwa ngemiti nange ngcambu ezimbiwa apa e Koloni ezi
hleli zigciniwe.

Ukuba wena nokuba ngumhlobo wako ofayo pambi kokuba ubhalele mhlaumbi uye kwenye
indawo BHALELA ku J. E. L. KULLING woku tumela elona yeza likulungeleyo ngemali
encinane.

ISAZISO SE NKOSI YAMA MPONDO.

NGALENTETO kungqinwa ukuba u- Mr ?? we zibuko lenqwelo e Mzimvubu u
nikwe igunya yi Nkosi Enkulu UMQIKELA ukuba abe ngu Khala Emdeni agqibe amatyalana
amafutshane obusela angati abeko kwesosituba.

Kanjalo ukuba enze imigudu efanelekileyo ukunikela abaniniyo impahla engaba ifunyenwe
ibiwe kumacala omabini omnda anikele ingxelo ngayo kwi Nkosi Enkulu.

Unomyalelo kwakona ukuba abuze incwadi (ipasi) kwabantsundu abangena Ema-
mpondweni bevela kwelakwa Rulumeni, abenze amabanjwa bonke abafunyenwe bengena
ncwadi, abanikele kwi Kamp ekufupi yamapolisa, mhlaumbi ku manyi.

UMHLANGASO J. S. FAKU,

WILLIAM BARNABAS, Komkulu, Emampondweni, 23 May, 1887. Ipakati Elikulu.
Umbhali
we Nkosi Enkulu.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL-ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

PAINTS, OILS. AND VARNISHES,

Pots—Kafir Hoes —Red. Ochre—Cutlery, &c.—
for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcancatweni.

CHARLES J. STIRK,

Umtengisi we Mpahla eyi Ntsimbi ayi-
tengisa ingumqulu na nganye,

CHURCH SQUARE

E-RINI.

QONDANI!

Umnikelo wamaphepheke wo
1887-88.

UMZI ontsundu omele umandla wase
Qonce uyayelwa ukuba

Irafu Yamaphepheke

yonyaka oqala ngo 1 JULY, 1887, opelelango 30 JUNE, 1888, iyakuqala ukwamkelwa ngo 1 JULY, 1887.

Umntu ubavumele abantu ukuba ba- hlaule ngokutanda kwabo de kube ngumhla wa 29 SEPTEMBER, 1887. Abayihlaule ngapambi ko 29 September bamelwe Lishumi Leshelani ngendlu. Kwakona ngalo eloxeha abalunge e Xesi mabahlaule ku Mr. KING, abalunge ku Qoboqobo ka Mr. VERITY, abalunge e Tamara ku Mr. DICK.

Emva ko 29 September eyakuba ingahlulwanga iyaku nikelwa ku MAGOWETA ukuba ayibute. Ayakuti ke ubani oyakuba engabhalanga de kwayiyomini amelwe kuhlala Ishumi elo Leshelani, selinoleto elizishelani ezimbini, kwanendleko yamagqweta ngendlu nganye. Impahla iyakutinjwa itengiswe. Yonke ke lonto iyakudala indleko.

Akunguwo umnqweno ka Rulumente uku- timba impahla yabantu, mhlambi ukuba- nyanzela ukuba babhalale imali engapezu kweshumi leshelani ngendlu. Kodwa ukuba abantu abavumi ukuyihlala IMALI YA. MAPHEPEHEKE ise limesha, ukuba ba- yadukisa, akuko nto yimbi enokwenziwa ngapandle kokuba ibizwe ngokugadala.

Ndinga ke abantu bangabonisa ukuba banayo intelekelelo, nokuba kulilungelo labo ukuba balihlale Ishumi Leshelani nge- ndlu ngapambi kosuku lwa 29 September, endaweni yokuba bamelwe kuhlaule ne yesohlwayo kwanendleko yamagqweta; i- injiniwe impahla yabo itengiswe ngento engeyakolonto kuba besuke bakunyabela ukuhlala ngapambi ko 29 September.

Landelani icebo elilungileyo xa nilinikwe ise limesha.

W. B. CHALMERS, Umanty.

Civil Commissioner's Office,
King Williamstown, 1 June, 1887.

Emgwali Girls' Institution.

ISEMNARI yase Mgwali ye Ntombi iya
kuvalwa ngolwesi Ne nge 16 June, 1887.

ISAZISO.

ZIHLLOBO zam maziti ukundibhala
THOMAS M. MAPIKELA
Kafir Institution, Grahamstown.

Isaziso se Gqweta.

UMAKISI, elinye u GQADUSHE awa- bantu abantsundu, elise Ngesi MAX KAYSER uyazisa ukuba uquba umsebenzi wokubuta amatyala, izikweliti zentlobo zonke. Umela namatyala ezi ofisini ze mantyi apo afunwe kona. Unesiqiniso sase sakwa Rulumente se 1871 (General Commission and Enrolled Agent, Collector of Debts, and Practitioner in Magistrates' Courts), I Ofisi yase ise Mbulu kwa Mr. ARNOLD. Umrumo wase misebenzi utabata ne maphla (Stock) ngezabiso layo lase ma- likeni nxa imali ingeko.

MAX KAYSER, Enrolled Agent. Mbulu,
14 May, 1887.

Abazelweyo.

NDUNGANE.—Umnikazimzi ka RICHARD J.
NDUNGANE kwa Lutuli E Tsono uzibule nge NTOMBI
ngo May 14, 1887.

Ababhubhileyo.

NGCELWANE.—Ekuseni ngomhla wa 22 May, 1887,
kubhubhe E-Tyume, inkosikazi ka NGQAYIMBANA
NGCELWANE wase Heald Town ibine fiva eyihle
ihambelele apa. Yemka kakuhle kakula.

Ukurunywa Kwelipepa le "MVO."

ABANGALITUNYELWA NGA POST.— 2/6 nge
Kwata xa irolwa ngenyanga yoku- qala ekwateni; 3s.
irolwe emva kweloxa.

ABALITUNYELWA NGE POSI.—3s- nge Kwata
xa irolwe ngenyanga yokuqala ekwateni; 3/6 irolwe
emva kweloxa.

IMALI itunyelwa ngepepe lase Posi- ni, apo angena
kufunyanwa ngezitamp.

Iveki.

BABONGOZWA ngentobeko bonk' abamkeli be Mvo
Zabantsundu ukuba benze imigudu yo- kuba
bayifinyezele ku June 30 intlaulo yabo. Kukuba kuko
inguqulo ezakubako epepeni lento kufuneka
kusheliswa ngoluhlobo. Abahlolobeli bepepe
benyaniso sobaqonda ngo kuthi esisicelo basifize
kwangoku. Abase- belilibelexha labo bangabahalela
kuthi ba- tunyelwe.

NGOMHLA wokuqala ku October kuyakuba- ko
umboniso wendyandambo apa e Qonce kwi Botanic
Gardens.

U RULUMENTE ucela i Palamente ukuba imvumele
achite iwaka elinamaku amabini (£1,200) eponi
ekwenzeni ifama yecuba e Tsurini.

E KAPA inyama itengiswa namhla nge Cawa
yinxenye yezilara,

LE yinyanga yokungenisa amagama ama- tsha kwi
Mvo ayakuqala ukulamkela ipepa kunye nokungena
kwe kwata ngo July 1.

NGOKUHLWA kolwesi-Hlanu olu (10 June) yi
Timiti yendleko ze Jubhili ndawonye nomvumo
endlwini yesikolo sase Wesile apa e Qonce.
Iyakonganyelwa ngu Mr. J. Tengo-Jabavu.

ISIMNARI yentombi yase Mgwali, kwa Ngqika,
iyakuvalwa ngomhla we 16 June ngolwesi-Ne
evekini. Ungalityalwa umya- lezo.

U SIR GORDON SPRIGG uti abamohasileyo kolu
laulo lwake lwandisa yena yedwa nama Bhulu
bangabavuseleli bezipitipi nabaxho- xhi bemfazwe.

EYASE Lovedale i Semnari iyakuvalwa nge 15
June.

LEMINYAKA sikuyo idlokovile okunene. Se. leti
ngoku nmtu akukov' ukwenza into ekohlakelelo
asuke avutulule ingubo zake aye kubabhalil bendaba
ukuba bamshicilele emapepeni; isono asisacotelwa.

UMHLA wamashumi'mabini kule nyanga
ngowemigcobo ye Jubhilee ye Nkosazana
kunweneleka ukuba kungabiko nanye indawo
eyakusilela ekwenzeni imigcobo.

KUKO abantu abanobudenge bokugalela ipalafini
emilweni xa bapembayo, kanti lonto yingozi embi.

U SWESWE ulindiselwe i Jaji e Natal ngokutshisa
indlu yomnye umntu omnyama kulwile. Bavuse
bonke babaleka bapuma akwafa namnye. Uti
bekulahleke umfazi wake waye ke emnrela nomnini
walondlu ukuba bavalelene pakati.

NGEVEKI engapaya kwegqitileyo kunukwe umfazi
e Gungulu wasele ngenelwa kwa oko
ngamabunguza waqezwa ubucupo.

NGOMNYAKA ogqitileyo kude kube kule- nyanga
sikuyo imantyi yase Ngqushwa ayi- kagwebi namnye
umntu ngobusela. Nga- maraqasana ke lawo!

IMALI eguzulwe ngu Rulumente nyanjanje kwi
Simnari zabantsundu nezikolo zangapandle
ngamawaka amabini eponi anamakulu amatatu
anamashumi amatatu aneponti enye (£2,831).

W. T. KOTE : Asizanga siyifumane lonto usilwa
ngayo.

BANIKWE iwonga lokuba zi Justice of the Peace o
J. D. Hugo, Esq. isandla semantyi yalapa no Dr.
Hebert Clifton wakwa Qobo- qombi.

U JOHN JACOBUS wase Kapa ulindiselwe i Jaji
ngokuhlaba umfazi wake ngenelwa nge- nxa
yobukwele. Inyanga zisentlanu betsha- tile.

ITYALA elitwetwa yimantyi yase Rini lika
Somju isipompotela seqaba lase Nxuba nga-
se Harmans esidlwengule intombanzana
ecinane ngu Christina Abrahams lingcolile
kakula.

IGWANGQA elingu W. Steyler lase Dayi-
mani lizifake ipistol elomlenyi ngeveki
engapaya kwegqitileyo lazidubula.

ITYALA lika Mr. J. P. Jameson walapa
obemangalele u J. J. Irvine & Co., ezijajini
e Rini, ebiza imali engapezu kwamawaka
amatatu, ati sisabelo sase ngexesha abobese-
benza ndaweniye—lide lagwetwa, kwa-
gwetyelwa ummangalelwa. Indleko zonke
zaposwa ku Mr. Jameson.

KUHLA umlilo ebusuku bo-Mgqibelo onga-
paya kogqitileyo kumtynyo omde kunene
wezitali e New York kwelase Amerika, kwa-
fa iwaka elinamaku amatandatu lamaha-
she.

KWINDLUKAZI enkulu yemidlalo yase Fran-
ce ekutiwa yi Paris Opera Theatre ite xa
izele bada bakwelana abantu kwabonwa
ngayo seyiduduma ngumilo, kwafa into
eminzi yabantu. Ite isakupela iveki kwa-
mbiwa kwafumaneka izidumbu ezingama 55
kupela ezinye zizshe zalututu.

KUMNGXUMA wamalahl e Lanark kugqo-
boko umlilo ezantsi, kwangwabeka amashu-
ni asixenxe amadoda, abaninzi basinda.

I PALAMENTE iwuqinisele umteto wezi-
bhadubhadu obufudula ungastyenziswa
kakulu. Ngoku iwufakele nendawo yokuba
wonke umntu omnyama makabe nepepa
nokuba upina ngapandle kokuba abe use-
mzini wake. Lomteto unzima ngapezu kwe
Pasi.

NGE Cawa yo Mtriniti 5 June, kweyona tyalike
ingunina wazo zonke ezama Tshatshi eli lase
Maxhoseni i St. George's Cathedral e Rini i Right
Rev. Dr. Webb umisele ebu Fundisini amadodana
amatatu u Cyrus M. Parnell, Hekzekiah Mtobi no J. W.
Gawler abalupumelele kakuhle uviwo lwayo. Bani-
kelwe ezandleni ze Bishop ngu Archdeacon White
obebavanya eno Rev. Canon Espin no Rev. Dr.
Wirmman. Iqela elifunda kwi Semnari yaba Ntsundu
litabate umtendele- ko kuleyo tyalike kunye nama
Ngesi.

IZIKOLO zase Mngqaba, kwa Marela nesa- kwa
Gqadushe bezivuma e Timiti ka Gqadushe
ekupeleni kweveki egqitileyo, Iwawuma usapo
lwakwa Gqadushe nolwa kwa Marela. Sovo mhlange
Jubhili zaku- dibana zonke Anushaw.

U REV. A. W. BRERETON ose Dodoloro ngoku
obeke ese Mtwaku umiselwe ebu Prestini.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU JUNE 8, 1887.

Amampa-

ABANTU abantsu-

ndu noko badla

Mr. De Wet. ngokufumana impato e-

nzima ngamanye amaxa
kwizipata mandla, nakubandezeli

abaluvo lubi, nokukangelelwa pantsi
kwendlu yenkuku ngabantu abamhlope
belilizwe, ikakulu lento izalwa
ngamampampampa okungamazi
nokumcingela gwenxa umntu ontsundu.
Lamampampampa okufuniseka mabi
kakulu kuba azala lempato igadala
yabantsundu eyenziwa ngabantu ababa
bona bayalungisa. Ade abonakala
kwincwadi ka Mr. DE WET
awayeyi'bhalele kwi Zuid Afrikaan
ependulwe ngumhlobo wetu ose
Ngqamakwe u Mr. ANDREW GONTSHI
ngenteto ebukali yobuciko, ede ipepa lase
Rini i Penny Mail ayakolwa ukuba ayi-
bhalwanga mlungu. U Mr. DE WET uti:
"Umntu ontsundu " asinto ayaziyo
ukulwa emi pezu " kwemihlaba yomteto.
Kupela " ngo Kafilana bambalwa ekutiwa
" kambe bafundile, abagqitwayo "
ngesimilo ngama pakati asemaqa- " beni,
sona isizwe asifuni kuba " nabameli
ebandla." Lonto uti ukuyipendula u Mr.
GONTSHI, noko angaxolelwa ngayo u Mr.
DE WET " kuba usesitokotokweni
sokungazi " nento ngamasiko
abantsundu." Nokokuba ubenyansile u
Mr. DE WET ngalenteto yake ubefanelwe
kukuba nguena uzwi livakala kakulu
ukubiza amalungelo abantsundu kuba
nguye Umpati wabo —nguena ngesilwa
kakulu ukuba mabafundiswe bakutazwe
ukulwa ngomteto. Lomteto ubakhuwa
evo- tini awuyenzi ke lonto. Abantsu-
bona okukokwabo bayakwazi ukulwa
ngomteto, into ekufuneka u Rulumente
eyenzile kukusuke abalatele indlela,
uyakuvana nabo. Kweli ati u Mr. DE WET
abantsu- ndu abafuni kuba nabameli
ebandla, akazi ukuba owabo umbuso ubu-
ngowabameli, kuba lento iyinkundla
yakomkulu yimbutu yeNduna, nama
pakati avela kwimixauka ngemixauka
epetwe yiIto nkosi— ingabantu ke ngoko
abangumlomo nendlebe namhlo, okanye
abameli bezondawo basuka kuzo U Mr.
DE WET uteta into angayaziyo, ukuthi
elixa abantu baputaputa umbuso wase
mlungwini bengenakuwufumana asuke
ati abawufuni. Ukugqita "kwelo u Mr. DE
WET uti " Indlela yabantu abamnyama "
yokwahlula imbambano kusuke " kuyiwe
ezintongeni." Lonteto imbi kuba
ibonakalisa ukuba uti kule mpato yake
bengekawi zinto- ngeni nje abantsundu
asikabiyo lento bayitetyo. Noko
lenteto ipume kumntu ongazi luto ngaba-
ntsundu sinenkolo ukuba akamisi nyawo
kuyo. Tina asazi nanye ingxakelo engade
yooyise abantsu- ndu kuboniswa ngayo.
U Mr. GONTSHI usipendule ngo-
kucacileyo isinyeliso sika Mr. DE WET
sokuba abantu basezi- kolweni
bayakutshwa ngamaqaba ngezimilo
zobuntu. Ziliqela intwa- nantwana
ezinjengale zokufamza ezingalatzayo,
kodwa sisaziyekele.

Xa nga kunje ke yinto engum-
mangaliso na ukuba imiteto eye- nziwa
ngulo Rulumente ibenonyanzelo ? Kanti
ke noko asitsho ukuthi u Mr. DE WET
ubenzakalisa ngabom abantu abantsundu.
Siti lita mampampampa okufuniseka
empatweni yabantsundu ayakuti qo
aman'uba capukisa. Iyenza lala- nto kuba
aba paya kula ofisi yompati bantsundu
e Kapa kufakwe abantu abamnyama
nokuba babini nokuba batatu kumana
kutatwa kubo ama- cebo kwinto
ezipatelele kwaba ntsu- ndu.

Amanqaku.

NJENGOKUBA seke satsho ukuthi inteto
ka Sir Thomas Scanlen ayenze e Cradock
ngenyanga efileyo yabamhlope, ute aku-
ngena kulento ye pasi wenza kwa ama-
tyebe. Walate ukuthi lizeya lokutintela
ubusela asiyi pasi, elona yeza lenene la-
lonto kukwandisa amapolisa. Lomteto
wokubhalwa kwabanyuli ute into oyiyi
wona ngowokukhupela pandle kwelunge-
lo inkoliso yabantsundu. Ute u Rulu-
mente wenu ngabantu, kulaula
bona. Ukuba nixhumise cala nye labe
lisonakalelwa elinye niya kuyifumana
into yenu kuba abo banyiswa kumbele
ofileyo kuyakufuneka bapetwe ngerelo.
Ukuba abantsundu nibanika amalungelo
abo okumelwa e Palamente bayakuhluma
kunye nati ngoxolo nokuzola; kodwa
ukuba niyawapanga naba nihlwayela
inkalazo kumzi ngamnye wabo; yoti ne-
ntsapo yabo ikula ibe umntu omhlope
imoyika imityile, kungaze kubeko luxolo
nakonwaba kwelilizwe. Mna andimteleli

wabamnyama; andifuni kubeka
umntu omnyama ngapezu komhlope,
nditi mnikeni isabelo sake. Ndingo-
mnye wabangantandiyi ukukutaza ivoti
yamaqaba, kodwa bonke banemfaneko
kulamalungelo bawapiwa ngum- Miselo
Wolaulo lomvaka we 18.54.

BANINZI kumawetu abayakuba zinke-
dama ngokubhubha kuka Mr. A. Chal-
mers esikubike ngeveki egqitileyo. Ku-
ba lomfo ka Tshemese ebebatanda ngene-
ne abantu abamnyama. Kwezinye inda-
wo amapolisa antsundu ahlangwa kwa-
sala amhlope odwa, kodwa kwisiqingata
esipetwe ngu Mr. Chalmers akazange
avume ukuba yenziwe lonto, kwanjenga-
ma Tshemese onke kuba engatandi luke-
to. Lonto ibange ukuba atenjwe abekwe
kanjako ngabantsundu. Zezonto ke zo-
nke ezibangela intembeko nokululanye-
lwa komteto kwelilizwe; njengoko ku-
njalo kwisiqingata sake ukungabiko kwe-
nkhohlakalo.

LUPAWU olutembisayo kwakubonakala
amafama anama kude ebona kwindawo
ngendawo zeli lizwe engoyiki engeuzo
nentloni zokutetelela ubulungisa nga-
kwabantsundu ezintlanganisweni Zama
fama. Akufuneki namprofeti wokwazi-
selela ukuba oti akwanda amafama
amoya unjalo oqala ukutenjwa ngaba
ntsundu kuhlalwane kakuhle ekubeni
ngoku amafama enomoya ombi ngakwa-
ba ntsundu. Lenteto siyenza ngenxa
yengxelo yetlanganisyo yamaafama ase
Nyara indawana efumkubana bucala. Apo
u Mr. R. H. Pringle inene elazekayo
eligama lidumileyo ate ukupendula xa
bekutiwa makenze ingxelo yobugosa
bake kwi Ngungantela ebise Rini
" Ute ukuchasile ukunyuswa kwezohlwa-
yo kuba ecinga ukuba elona yeza lobu-
sela kukuba lowo ubileyo afunyanwe;
ngoko ke waxhasa elokuba kwandiswe
amapolisa notlantlami. Ucinge ukuba
akulungile ukuyitabata ivoti kwabantsu-
ndu, emva kokuba sebeke bayinikwa;
ngokukodwa kuba abakalonakalisi nga-
luto elilungelo, nokuba abalikalalele.
Ngetayitile zabantsundu utanda ukuba
banikwe ezobuqu, kodwa ke banganya-
nzelwa ngayo. Ukuba bawisa ukuba bazi
tate iyatitile yena ubengati xa ipasi ye-
nziwe yangumteto bati bonke abane
tatyitile zobuqu bahambe ngapandle kwe
pasi basuke bapate amaqaga."

I PALAMENTE

Akukabiko zingoxo zinkulu zinge-
nwayo li Bandla le Miteto ngapandle
kweyo

KUXOLELWA KWABABANJWA.

U MR. INNES ubuze Inkulu ka Rulu-
mente ukuba u Rulumente unesalelo na
sokubikela bandla ukuba unawo sinina
umeingo wokucebisa i Ruluneli ukuba
mabaxolelwe ababanjwa bemfazwe kwa-
nabanye kwezinye isihomo se Jubhili
yo Mntan' Omhle u Victoria?

U SIR GORDON SPRIGG ute ababa-
njwa belilizwe bamalunga newaka elina-
makulu asitoba; u Rulumente akanameci-
ngyo wokubacelula ukuba baxolelwe
(hear, hear). Abase Indiya abakulule-
ti; kwelizwe ke inkoliso ngamasela em-
pahla, abantu abantsundu, naye dayimani,
abavala kwamanye aniazwe nezigebeza.
Ababanjwa belilizwe abafani nangento
nabase Indiya abakululelweyo. Xa aka-
ngeleyo kwicala ovela kulo lombuzo uya-
qonda ukuba kubuzelwa ababanjwa be-
mfazwe — ababevukele ulaulo. Aliqo-
ndwa kakuhle inani labo. Basixenxe—
abahlanu balapa e Kapa, amabini base
Siqitini (Robben Island). Omnye wabo
u Timi Maqoma inkosi yama Ngqika wa-
yegwetyelwe ukuxhonywa ngo 19 July
1878, kodwa sabuya saguqulwa isigwebo
kwangalonyaka ngo September kwatiwa
wohlala bonke ubom bake entolo-
ngweni. No Gungubele wayegwetyelwe
ukuxhonywa, sabuya saguqulwa nakuye
isigwebo kwatiwa wohlala bonke ubomi
bake entolongweni. Ezintatu inkosi
zazimangalelwe ngokuxhanya imfa-
zwe, waza kuzo u Matanzima wagwe-
tyelwa amashumi amabini emi-
nyaka entolongweni ngo 22 October 1878,
u Edmund Sandile wagwetyelwa ubom
bake entolongweni, u Gumma wa-
gwetyelwa ishumi elineminyaka emihlan-
u. Abaya babini base Siqitini baba-
njwa pesheya kwe Gqili bebhobele, aba-
benabo paya babuya bakululwa, kodwa
kuluzisi bakululwayo nje kuba behleli
kamanandi esiqitini ngapezu kwentlo
abakuyo ngoko e Gqili, kutsho imantyi
qete elozwe. Bona abanye bapantsi
kwoholwayo esibafaneleyo kuba bavule-
la bapalaza igazi benza nezinye inxwale-
ko ngapandle kwesizatso. Ngezinyanga
zintandatu zigqitileyo kuke kwamana
ukufika izicelo kum zokuba bakululelwe.
No Edmund Sandile ngenqu waka wate-
la nam—ebuza ukuba akangelindeli nce-
ba na. Isimilo sika Sandile soloko sise-
hle, akasebenzi yena uyi sajini. Ucinga
yena ukuba abungebi bulumko ukuku-
lula ababanjwa ngenxa ye Jubhili,
ubencinga ukuba akungebiko yimbi na
indlela yokugququla izigwebo zabo. Ko-
dwa ude wanyanzeleka ukuba apinde
awucinge lomcimbi, kuba kwelazwe lase
Maxhoseni kuko abantu abatille nenxeny-
e yamapela endaba abanetyala lokwenza
ngako konke ukuxelela abantu abamny-
ama ukuba u Rulumente ngumbandezeli
wabo (Hear, hear). Akabeki tyala kubo
bonke abantu abantsundu, kodwa ulibe-
ka kwabatille abati bangabakokeli babo.
Uva kutiwa kuko Umhleli ofunde kakulu
oshicilela zonke iveki ngesi Xhosa into
zokuxhanya imfazwe. ["No," watho ngo-
msindo u Capt. Brabant]. Umzalwana wam-
lo (ukuzayo) angade abe uvazana kakulu
nezwe lase Maxhoseni, kodwa eyake
(yena Sprigg) ingxelo uyifumana
kwindoda ekusiloko kwatsho kwakude
ukuba yeyona iyintloko ukwazi ngelase
Maxhoseni. Yena uqamele kwelonene
ngolwaka ulwazi kuba akasazi isi Xhosa
akanakusifunda, kodwa uyaxelelwa uku-
ba into ezibhalwa kweloopeya ziya ngo-
lisa kakulu zezipemba imfazwe kanye.
Kuko abantu abatille abasebenzisa abantu
abamnyama besenzela imingwenyo yabo,
bebavuselela ukuba balwe no Rulumente.
(Hear, hear, kwatsho icala lika Rulu-
mente). Ufumene ukuba kuko abantu abe-
nza inteto emapepeni nase zintlangani-
sweni abammisa ngentloko u Rulumente
welilizwe, bemtyola ngenteto ezibusatana
nezingcolileyo besiti kubantu abamny-
ama lo Rulumente wake ubachasile—bexo-
ka. Xa kunjaloke uyatanpabuza ukubace-
lela uxolo aba babanjwa, angaselesiti uku-
wupendula lombuz' ufakiweyo akakazulu-
ngiseleli kuyicebisa i Ruluneli ukuba
isebenzise uxolelo kubabanjwa akaba ba-
lahlekisa abantu ngokubatsalela emfazwe-
ni. Kwelazwe lase Maxhoseni isikota
sikulu nakuba singatsho, singavuta
ngokulula kuke kwalunyekwa ngema-
tshisi. Nakulamalungu eli Bandla kuko
angabuzekayo xa kuhle isipitipiti nolona-
kulo ngenxa yalenkululo ngokoke kufu-
nkeka ehambe ngenetelekelelo ekecebiseni
i Ruluneli kwinto enje.

Amaqaba No Tywalo.

Ngolwesi-Tatu Iweveki egqitileyo be-
kuko intlanganis enkulule ngase ofisini
yemantyi yalapa e Qonce "kutetwa ngo-
tywala. Kusuke u Mr. Brownlee wati
ute ngokucelwa, akala ke ukuba kwenza
amazwana ambalwa, afana nalwazi
oyolelayo, ewashiya nentsapo yake xa
aqakuyo. Ute esakungela bambalwa
abayintanga yake; uninzi aluseko, naye
uzakubehle abalandele. Ute esakungela
lonto ke wabona ukuba yimfaneko
yake ukuba abhale amazwi okunduluka
zakuwashiya esikumtuzo xa angasekoyo
ukuze usapo luman' ukwalatelwa wona.
Angasebenza ubulungisa, okanye obona-
kala ngomhla womngwabo selebongamele
abangwakatalalanga nababe nobudlela-
na nomshabalalisi opakati kwenu. Aku-
safuneki inteto inde kuba lengxoko seleyi-
ngene nzulu emapepeni endaba. Use-
she amapepa acatshulwe kwi Mvo Zaba-
ntsundu wayiyekelela ezandle-
ni zentlanganis ingxoko. Ityala liyakuba
lelabo. Ukuba bavukile bakala ngene-
ne ku Rulumente loviwa izwi labo.
Amadoda anjengo Nowawi lo angabuse-
liyo utywala kufuneka ukuba azame ama-
wabo ukuba abulahlale nawo. U Mr.
Brownlee uqutumelele ngokutshi
mhlambi lenteto ayenziwe kusapo
lwake fan' ukuba yeqokugqibela, iyate-
mba ke ukuba ayisokupela le Siyani.

Kusuke u Seyisi, unyana ka Siwani lo
ubebambe oyinkosi kwakubhubha uyise.
Emva kokubulela amazwi amakulu
awavileyo ukankanye ubupantsi nosizi
atoyelwe kulo ama Xhosa butywala.
Lisiko lase Mlungwini ukuba bonke abu-
ntu basele, kutiwa naxa kuya kulwa ku-
hanjwe nefaty zotywala asezwemajoni
pambi kokulwa ukaze akalipe. Into
obezinilwa yona kubantu abamnyama
yintonina bubatsabalalisa nje, kufuneka
ukuba bukwelilelwe, ukuba abe bangeka-
bi makoboka abo basinde. Yati iposi ya-
majoni yakwenziwa e Tamara basuka
abantu abaninzi baka Siwani bati buku-
yo ekuseleli bangamanjila, bebefuda
bengabutyi. Nomfazi ka Siwani oyinko-
sikazi unina walomfana (watho ebambe-
lela emagxeni ka Menziwa) wemka ngo-
butywala, wada walanga ukuzibulala ngo-
kuzeyelisele esizibeni. Wada wakwele-
liswa kubo wasiwa kowabo Ebatenjini.

Ute akasokungena kwiziganeko zotywala,
ubonise ngamadoda amakulu amabini
akowabo abalawa bubo, nengozi akabuzo
abantwana babo apa edolopini kuba bati
beyekusebenzela ukuxhasa abazali babo
bafike befunde utywala ze bayichitele
kubo intwana abayizuzayo. Utyatamba
ukuba u Rulumente wobupelisa utywala,
nokuba akubupelisi kanye, kona ezilalini
abushekenise.

U Nowawi unyana ka Ndlambe nga-
butyivo, ubulele amazwi atetwe nguyise
wabo. Kufuti eteta nabo uyatamba ukuba
asiyomini yokupela le abayakuliva
izwi lake. Lamazwi makulu, anesitonga,
ayinene. Bayayazi lonkosi yawo eka-
nkanye encwadini ka Mr. Brownlee,
akusoko nto yakongezwa, no Seyisi uyigi-
qibile inteto noluvo neningqano ye-
ntlanganis, kwanga kungacingwa oku-
viweyo.

Kulandele u Nxanga into ka
Pike wesika Tshatshu watelale ngelithi
isikalazo abanaso ngaku Rulumente se-
sokuba utywala bulandelana nabantu
abamnyama. Akaqondi na u Rulumente
ukuba uyalahlekela' ngenxa yotywala
obu, kuba lemali ngeyirolelwa irafu iya
enkautini, abantu ngebonwabelel beziha-
tala kakuhle nerafu zabo ukuba bekinge-
ko tywala, kodwa ngoku umntu akuba
nemalanisa seyisitya enkantini kanti esela
njalo akasokuyeka ide ipele lombi.

U Rev. C. Pamla wenze inteto yobuci-
ko enamandla ebonisa inkohlakalo yo-
tywala nokuba umntu ngamnye yimfane-
lo yake ukulwa notywala nokuba kubha-
lwa imitandazo yokuba bupelisele kubantu
abantsundu.

U Aaron Nxanga utetelele kweli lenko-
hlakalo utywala, wawuyela lamabala
bugasatengiswayo kuwo, wati ke naku-
wo akwanelo kuba xa abantu beza apa e
Qonce bakulula ezihoteleni basela bazo-
kufika apa sebhentlele. Eya nadelela
yokuyigqiba lento kuk

JUNE 8, 1887.]

IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

UDABA LOVELA KU RILI.

[NKOHLA

St. Marks 23 May 1887.

Amazwi omlomo ka Rili Hints nanga, "Lusapho luka bawo ukuba kundibona kwenu kwezinqoqa kukuza kundinika intutumbo kuba mna udisenqumshologu ospanyazayo eminye seyifile. Kodwa ndingumsholo- gu owabonisiyo ubantu kumaxa obugebe- nga endandibala kanye. Ndamkupa u Revd. Leslie, ndamkupa u Mr. W. Fynn Imanty, ndamkulula u Gogota, no Klaas. Abasari ndabakuba bonke sekupalala igazi ndibuzo ukuba lipalala ngasipina isisusa. Njengokuba nilapa nje, nilusebenzisa ka- kuluna usiba, ityalike niyazingenana. U Hints wamisa Igcuiwa ukuba ibenguni wosiba. Mna Rili owase St. Marks ne Ta- tura. Ukuba ke lusapo umsebenzi niwuhilize- ie, ningaba nibulala u Xhosa wonke. Lu- sapo lukabawo izinto zimbi emhlabeni apa kupela eyesitatu yeyokubhanganga komntu. Umntu oti emi emhlabeni wosiba, abe- ngumntu we kofu angalunqinisele ukulufunda usiba ngangokulungiselela komlungu ungu- mbulali u Xhosa wonke. Njalo emi emhla- beni wosiba, makemke kuwo eze emhlabeni wobuqaba, ongabufuniyo ubuqaba makaye emhlabeni wosiba. Aze angahliziswa yikofu. I St. Marks ndayipa u Manzi (Ven Archdeacon Waters) ndisemi e Hohita. Kwa Galeaka, umzi wesikolo, ngumhlaba wosiba. Imfundo yonke lusiba."

Ndabuya ndinjengo kumkanikazi wase Sheba yingqondo ka Rili. Anga ngayo angaqonda Ilizwi. U Mr. Jacob Maneli wenza imitandazo, mna ndaposa amazwi Isiaah 60, 3, 4, 5, verses e Botwe. Sayaku- galeleka ku Mr. T. Ndwandwa umumzana safika konke sekulungile. Saya ku Capt. Veldman Bikitsha kumzi wopumeleleyo sadla i breakfast, saza kulala ku Mr. N. Cwati.

Nango kwa Galeaka amazimba nombona yingxinano embi, embi kanye ukuma kwawo.

ABAXHASI BE "MVO."

Ngenyanga engu May 1887 kufike lemali yokunceda ukuhanjiswa kwe Mvo. Sibulela kakulu kumanene namanenekazi akowetu ayitumelelyo:— J. Makuleni, Rev. E. Lones, T. Tyamzash, Isaac Landela, R. W. Nondeya, Mati Tonga, S. Maqula, (Kimberley.) J. Ntuli, D. Toko- ta, M. Magabela, A. Cindi, M. Gazo, J. Mdayi, B. Qina, Miss Ntanta, J. Masiza, T. Ngweudu, M. Njikela- na, A. Ngwanya, F. Ndiva, N. Sekhesa, S. Mosisile, T. Nongalaza, Joseph Barnabas, W. T. Randall, Miss Jane Mbele, E. Ndohe, James Jones, D. Bikitsha, Ncapayi Ndwana, T. Zwedala, Rev. J. M. Dwane, Dug. more & Hollier, J. Nombewu, Hon. Chas. I Brownlee, Alfred Balfour, L. Tyali, T. Ntlo- bi, Miss R. Makasi, John S. Kisi, J. Rubu, she, J. Macaula, Wm. Mnyanda, E. Mhla- mbiso, E. Nquka, Sol. Labase, Salem Mti, Zaebie Kondlo, Miss E. Kewana, Narmal Pita, J. Nojoko William Nota, H. Nyunyua, M. C. Mamfene, G. Hoko, B. Ntanga, J. Mkam, Sibeko Mnyango, Jacob Maneli, C.

K. Kuzwayo, Andries O. Mhlabane, Rev. W. Giwu, John James, J. Tete, F. M. Dlova (adv.), S. D. Mawelle, W. T. Kote, Edward Mekeni (adv.), Philemon Rexe, S. Mayipasi, Rev. G. Kakaza, Ncapayi Magabela, Edward Ngesi, D. Mayekiso (Port El zabeth), S. Njikelana, M. Ngoma, James Mpinde, Wm. M. Dunglela, Wm. Daniel, Miss H. M. Toni, S. Dingswayo, John Langa (Komgha), Rev. R. Funani, The Lord Bishop of Graham's Town, J. D. Nguca, Geo. Peter, M. K. Mtakati (Apr.), Rev. E. Magaba (Apr.), P., Nkosinkulu (Apr.), J. Tsupa, D. Jali, J. Gu- Iwa, B. Mizek (April), K. Kosani, T. Spo- ndo, T. M. Mapikele, I. Wauchope (adv.), I. Wauchope (sub.), W. Frolyk, Rev. W. J. Hacker, Rev. G. Mbongwe, Rev. J. Poote, Rev. W. Sigeno, Jer. Tolibadi, P. Q. Msusa- ndaba, P. S. Lusasenji, Cape Government, Philip M. Bidli, S. W. Botha (adv.) Az. Si- yobi, Chas. Maguga, Philip Nganga, C. Nkosana, Rev. D. Ntlabati, P. Mfuniselo, Joseph Mbuya, Mrs. Ngwayi, B. Mizek (Sec. rem.), Chance Nalla, Klaas Masiko, Rev. B. S. Dlepu, Sargeant Lobi, Tho. Tse- wu, Geo. E. Rust, Rev. A. Masiza, W. C. Orsmond, Rev. J. Zwelibanzi, Elijah Mdo- lomb.

E BHOFOLO.

1st June 1887.

Umbhalali wetu ose Singqengeni usibalisele ngesisa esimangalisayo uti: Sibona into egumngaliso apa e Bhofo e yenziwe ngu Mr. Wesley Wilson elinene beke lakankanywa Ezimveni ukuba lapulwe lishashe lalo. Kute pambi kokuba enzakale u Mr. Wilson wati ngo March ngamhla utile waya kubona isikolo sika Miss M. A. Radas kwa Tini or Brak River, ute akufika wabuzo ku Miss Radas ukuba usapo Iwako lunecwadi lonke na zokufunda? Ute u Miss Radas Hai. Lite elinene zonke incwadi ezifunekayo apa esikolweni ndiyakuzitumela, zibhale epepeni undixelele amagama azo. Kwenene uyenzile lonto u Miss Radas. Zatunyelwa ke incwadi lelinene, kunye ne chair yokuhlala i Teacher. Ute akutumelela lomphala yesikula u Mr. Wilson waman' ukuza yonke imihla ukukangela usapo olungenayo esikolweni. Kute ke kusenjalo kwatika Umhlohi wezikolo. Kute emva kokuba emkile Umhlohi, wenzakala ke u Mr. Wilson. Ute noko anale ngozi elele pansti watumela amabaso kubantwana abapumeleleyo ku Mongameli wezikolo, abazintom' bazana ubape ilokwe amabhaso. Kute kusenjalo watumela kwakona ifrara yengca ukuba kuhlaziywe indlu yesikula waza watuma nomntu ukuba ayitunge indlu leyo, kute kusenjalo watumela ikalika yokuba ize iti yakugqitywa ukufulelwa iqatye. Lonto yenziwa lelinene isimangalisile kakulu kuba into engjengele asizange siyibone, siyibulela kananjalo. Lomsbenzi mkulu wenzwa lelinene. Ngoku kodwa sili elinene litunyelwa Yinkosi ukuba lenze ezizinto kuthi luhlanga oluntundu. Pakati kwentlungu anazo zokwenzakala akasibelele isikula, sili sitemba kananjalo ukuba Inkosi iyakumpakamisa u Mr. Wilson, abuye ahambe pakati kwetu asenzele izinto ezingapezu kwezi selesenzele zona. Zinjalo izinto esizibona apa.

Transkeian Teacher's Association.

UQEQESHO LOMTINJANA ONTSUNDU.

Lenteto ivela kwinenekazi lakowetu ilungisa inteto apa eyayibhalwe ngu " N. F. S."

